

Ukudibanisa amanzi emvula namanzi amdaka

Unakho ukudibanisa ngempumelelo amanzi amdaka namanzi emvula agciniweyo ukunkcencheshela igadi yakho. Ezinye izixokelelwane zamanzi amdaka zinakho ukufakelwa isivalo esithontsiza amanzi kwitanki yamanzi emvula ukungenisa amanzi kwisixokelelwane samanzi amdaka ngeqondo eliphantsi. Buza kumthengisi wakho wezixokelelwane ukuba ziziphi izinto ehamba nazo yaye siya kulungiswa kusini na xa sonakele.




4 Unakho ukudibanisa amanzi emvula agciniweyo namanzi amdaka ukunkcencheshela igadi yakho.

 **Lumka!**

 **Khusela isiXeko sethu!**

 **Khusela imeko-bume esiNgqongileyo!**

 **Yonga aManzi aselwayo!**

 **Yiba yinxalenye yesisombululo ufakele isixhobo sokuzigcinela amanzi emvula namhlanje!**

Ulwazi olubalulekileyo

IZIKO LONCEDO NGEMINXEBA LESIXEKO SASEKAPA

Umnxeba: 0860 103 089

lingcebiso engcaciso yokonga amanzi, ezinye iindlela zokusebenzisa amanzi, ukugqabhuka kwemibhobho, ukuvaleka kwayo nolwaphulo-mthetho lwemiqathango yokusetyenziswa kwamanzi

UMBUTHO OJONGENE NAMAQUA AMANZI EMZANTSI AFRIKA (BOREHOLE WATER ASSOCIATION OF SOUTHERN AFRICA)

Umnxeba: 011 447 0851

Ngoluhlu loonokotraka bamaquela amanzi kwingingqi yakho

ISEBE LEMICIMBI YEZAMANZI

Umnxeba: 012 336 8125/8046

Ingcaciso nge-Akhwifa/ngomgangatho wamanzi aphantsi komhlaba

KIRSTENBOSCH BOTANICAL GARDEN

Umnxeba: 021 799 8783

lingcebiso/ingcaciso ngokulima ngobulumko

UMTHETHO KAMASIPALA WAMANZI

IPhepha-ndaba likaRhulumente 6378: 01/09/06

EZINYE IINCWADANA KOLU LUHLU:

- Intshayelelo kwimithombo engeminye yamanzi (incwadana yoku-1 kwezi-4)
- Amaquela/imithombo yamanzi (incwadana ye-2 kwezi-4)
- Ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi amdaka (incwadana ye-3 kwezi-4)

IZiko loNcedo ngomnxeba lesiXeko saseKapa:

0860 103 089

SMS: 31373 (oonobumba abali-160)
I-imeyile: WaterTOC@capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

AMANZI NOCOCEKO



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

UKUZIGCINELA AMANZI EMVULA



IMithombo yaManzi engeMinye

Incwadana ye-4 kwezi-4



Yiba yinxalenye yesisombululo Amanzi ethu, igugu lethu

Intshayelelo

Xa kuthelekiswa nomlinganiselo wemvula kwihlabathi liphela ongama-870 mm ngonyaka, uMzantsi Afrika ufumana intwana ekumyinge wama-450 mm, nto leyo elenza eli ibe lilizwe lama-30 ngokoma kwihlabathi.

Kuthekelwa ukuba iNtshona Koloni iza kuba sisithili sokuqala ukuphelelwa ngamanzi, ngaphandle kokuba kuthatyathwa amanyathelo ngoku okulawula imfuneko yamanzi ngokufanelekileyo.

Kutheni kufuneka uzigcinele amanzi emvula?

Ukuzibekela nokusebenzisa umthombo wamanzi ongowakho ngokuthi uzigcinele amanzi emvula sisiqinisekiso sakho ngexesha lokunqongophala kwamanzi kwixesha elifutshane. Ungazifumanela umlinganiselo wama-500 ℓ amanzi ukuba kune umlinganiselo we-5 mm yemvula kuphahla oluyi-100 m².

Unokuzifakela itanki yamanzi emvula ukuze unkcenkceshele igadi yakho, ukuhlamba impahla, ukuhlamba, ukushawarisha okanye ukugcwalisa idama. Kananjalo iitanki zamanzi emvula zinokutywinelwa ngaphantsi komhlaba ngenjongo yokugcwalisa itanki yangasese, ukucutha umthamo ovisayo wamanzi asetyenziswa ekugungxuleni yonke imihla.

Ukusetyenziswa kweetanki zamanzi emvula kwiindawo ezifumana imvula ngexesha lasehlotyeni kungaluncedo kakhulu kuneendawo ezifumana imvula ngexesha lasebusika. Nangona kunjalo, itanki enomthamo wama-5 000 ℓ esetyenziselwa ubukhulu becala ukugungxula ngasese kwiindawo ezifumana imvula ebusika inokukongela ukufikelela kumyinge we-15% amanzi rhoqo ngonyaka.

Isixokelelwano sokugcina amanzi emvula singenza oku:

- Ukonga amanzi axabisekileyo aselwayo
- Ukonga imali yakho yaye
- Kucutha uxinzelelo kwindalo esingqongileyo

Isixokelelwano esiqhelekileyo sokugcina amanzi emvula

Isixokelelwano esiqhelekileyo sokugcina amanzi emvula kulula kakhulu ukusifakela. Umbizane womhlaba utsala amanzi emvula aqokelelwe kuphahla lwakho ukuya kwiitanki zamanzi ehamba ngemibobho yamanzi. Kudla ngokufakelwa uhlobo oluthile lwesihluzo samanzi emvula ukuthintela iintlalutye ezichithekayo ukuba zingene kwiitanki. Umthengisi wakho wesixokelelwano uya kukuchazela owona mlinganiselo ufanelekileyo ngokunjalo nenani leetanki zamanzi emvula ezifunekayo ngokweemfuno zomntu ngamnye. Emva koko amanzi emvula athi afunxwe kwiitanki zamanzi emvula ukuya kwindlu yonke, okanye egadini ukuze kuncenkceshelwe ngawo.

Indlela yokubeka itanki yakho yamanzi emvula

Unakho ukufakela itanki yakho ngokuthi uyimise ingqiyame kudonga lwendlu yakho phantsi komphetho wophahla, okanye uyibeke naphina ngokunganyakathiswa kwigadi yakho ngokuthi usebenzise isixokelelwano semibobho yamanzi ephantsi komhlaba, onokuyinikwa ngumthengisi wesixokelelwane sokugcina amanzi emvula.

Uphahla lwakho njengomgangatho wokuqokelela amanzi

Owona mgangatho wophahla ulungele ukugcina amanzi emvula luphahla lwentsimbi, nokuba ngamacangi (amazinki), amacangi angenamiqolo okanye i-IBR. Uphahla olunethayile nalo lungasetyenziswa, kodwa zona azilungelanga ncasana njengamazinki entsimbi ukuqokelela amanzi. Akunakho ukugcina amanzi emvula kuphahla lwengca.

Nazi izibalo zomlinganiselo wamanzi afumaneka kwiintlobo ezimbini zamaphahla:

- 11 mm emvula kuphahla lwentsimbi ingavelisa umlinganiselo we-1 000 ℓ amanzi emvula agciniweyo kuphahla ngalunye oluyi-100 m² ngobukhulu.
- 16 mm emvula kuphahla lweethayile lungavelisa umlinganiselo we-1 000 ℓ amanzi emvula agciniweyo kuphahla ngalunye oluyi-100 m² ngobukhulu.



Umlinganiselo okufaneleyo wetanki yamanzi

Umlinganiselo okulungeleyo wetanki yokugcina amanzi emvula uxhomekeka kwiimeko zakho ezikhethekileyo.

Ezi mpawu zilandelayo zonke zinakho ukuphembelela isigqibo sakho:

- Inani labantu abasebenzisa amanzi endlwini
- Umlinganiselo wophahla ofumana kulo amanzi emvula
- Uhlobo lophahla ofumana kulo amanzi emvula

Imilinganiselo eqhelekileyo yeetanki isusela kwi-1 500 ℓ ukuya kwi-2 500 ℓ nama-5 000 ℓ. Umthengisi wesixokelelwane sokugcina amanzi emvula uya kuhlola imeko yakho nemfuneko yamanzi kwikhaya lakho, ze akucebise ngobungakanani nenani lamatanki oza kuwadinga.

Yonga kwiindleko zikamasipala zemirhumo yogutyulo lwamanzi amdaka

Umasipala uhlawulisa imirhumo yamanzi neyogutyulo ngokungqinelana nenkqubo zemirhumo yomthamo. Uhlawula imirhumo yogutyulo ngokusekelwe kumthamo kuphela (inani leekhilo) zamanzi owasebenzisa, umzekelo umyinge wama-70% wamanzi abonakala kwimitha yamanzi.

Ngokusebenzisa amanzi emvula, ukuhamba kwamanzi kwimitha yakho kuya kucutheka, nto leyo eya kukongela imali eninzi yetyala lamanzi njengomnini-propati.

Ukusetyenziswa kwamanzi emvula kwizidingo zoluntu

Ngenxa yokuba kungakho iintlalutye ezichithekela kula manzi, kunye namaqondo aphezulu e-asidi efumaneka kumanzi emvula ngenxa yongcoliseko lomoya, abantu bacetyiswa ukuba bangawasebenzisi amanzi emvula ekuseleni nasekutyneni.

- 1 Unakho ukubeka itanki yakho yamanzi emvula naphi na kwigadi yakho apho inganyakathiswa yaye ingabonakaliyo.
- 2 Amanzi emvula afunxwa kwitanki yakho aye kwindlu yakho okanye egadini.
- 3 Sebenzisa amanzi emvula ukugcina igadi yakho iluhlaza yaye isempilweni.